Isalathiso: 20200908-7918
Inombolo yefayili: 12/2/13/6
Inombolo yefayili: R Larney

ISetyhula: 0028/2020
Umhla wokuphelelwa: Awukho

Iya: KuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli, kuBaphathi beeSekethe, kwiiNqununu nakooSihlalo bamabhunga olawulo

Isishwankathelo esifutshane: *Imihla emiselweyo ebaluleke gqitha neenkqubo kulawulo lweencwadi zezifundo ezikolweni***.**

Isihloko: Imihla emiselweyo ebaluleke gqitha neenkqubo kulawulo lweencwadi zezifundo ezikolweni

1. Le setyhula mayifundwe kunye neSetyhula 0015/2017, yowe-12 Apreli 2017 (umGaqo-sikhokelo oVunyiweyo wokuBonelelwa kweZixhobo zokuNcedisa ukuFunda nokuFundisa (LTSM) eNtshona)) neSetyhula 0040/2019, yowe-17 Oktobha 2019 (Iimfuno ezimiselweyo zokuqinisekisa ukugcinwa ngokuchanekileyo nokunika ingxelo malunga nokugcinwa kunye nokubuyiswa kwakhona kweencwadi zezifundo (*textbook retention and retrieval*) kunyaka-mali ka-2019/20). Zombini ezi setyhula zigxininisa indima ebalulekileyo edlalwa yinqununu nekomiti ejongene ne*LTSM* ekuphunyezweni komgaqo-nkqubo we*LTSM* wesikolo kunye nolawulo ngokubanzi lweencwadi zezifundo (*textbooks*), iincwadi zomsebenzi (*workbooks*), ezoncwadi kunye nezinye izibonelelo zoncedo esikolweni.

2. Le setyhula inenjongo yokunceda inqununu nekomiti ye*LTSM* ngokumisela imihla emiselweyo ebaluleke gqitha kunye nemisebenzi kwinqanaba lesikolo ukwenzela ukugcinwa kweerekhodi ngokuchanekileyo nokunika ingxelo ngokubuyiswa nokugcinwa kweencwadi zeempendulo (*textbook retention and retrieval*).

2.1 Le mihla ichanekileyo (IsiHlomelo A) iya kwenza izikolo ukuba zikwazi ukucwangcisa ngempumelelo yaye zinike ingxelo qho ngekota malunga nokutshekishwa kweencwadi nophicotho-zincwadi lwe*LTSM* lwaqho ngonyaka lwazo.

2.2 Kuya kunikwa izikolo imihla echanekileyo qho ngonyaka kwikhalenda yokucwangcisa yesikolo yaqho ngonyaka.

2.3 Oku kuya kwenza ukuba abaphathi beesekethe, amagosa ajongene neerekhodi zemali zesikolo (*school finance records officers*) kunye nabacebisi ngezifundo batyelele izikolo ngenjongo yokuzibeka esweni ngokungaphezulu kunye nokuzinika inkxaso.

3. Iya kuthakazelelwa kakhulu intsebenziswano yenu ngokumalunga nalo mba.

ISAYINWE: NGU-BK SCHREUDER
INTLOKO YESEBE LEMFUNDO
UMHLA: 2020-09-29